Isalathiso: 20210917-5974
Inombolo yefayili: 11/1/3/1
Imibuzo: A Lamprecht

INgcaciso eMfutshane yeSebe eliKhulu loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu

Isihloko: **INkomfa yePhephandaba i-*Die Burger Youth Leadership Conference* yange-13–15 Disemba 2021**

1. Iphephandaba i-*Die Burger*, libambisene neSebe leMfundo leNtshona Koloni, liza kubamba eye-63 iNkomfa yoLutsha yoBunkokeli yaqho ngoNyaka (63rd *Annual Leadership Conference*) ukususela ngowe-13 ukuya kowe-15 Disemba 2021. Umxholo wale nkomfa uthi "*The road to recovery after a global pandemic*."

2. Ngenxa yefuthe likabhubhane we-*COVID-19,* le Nkomfa yoLutsha yoBunkokeli ka-2021 iya kuba **sisiganeko esiqhubeka ngonxibelelwano ngekhompyutha,** ngamaxesha emihla emisiweyo. Kulindeleke ukuba esi siganeko sibe yinkomfa ekukho kuyo abameli ngokunjalo ngo-2022.

3. Kucelwa izikolo ukuba zityumbe usihlalo kunye/okanye usekela-sihlalo onyuliweyo weBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners*) (*RCL*) ukulungiselela u-2022 omakathathe inxaxheba kule nkomfa yokwabelana ngamava angaka axhobisa ngolwazi. Iikhrayitheriya zokhetho zifakwe kwifom yokwenza isicelo.

4. **Kucelwa iinqununu ukuba ziyikhuthaze yaye ziyixhase inkomfa yolutsha yeenkokheli ezityunjiweyo ngokuthi zenze kufumaneke iifasilithi zekhompyutha ezifanelekileyo kulutsha. Oku kunokuquka indawo efikelelekayo nefanelekileyo, ene-intanethi, efakelwe ikhamera, isixhobo esivelisa isandi ne-*microphone*.**

5. Ulwimi lokunxibelelana iya kuba sisi-Afrikansi (ulwimi epapashwa ngalo i-*Die Burger*) yaye zonke iinkcazo-ntetho ziya kwenziwa ngesi-Afrikansi. Nakuba kunjalo, abathathi-nxaxheba abavela kuwo onke amaqela eelwimi baya kuthathelwa ingqalelo kukhetho ukuba baluqonda yaye baluthetha ngobuciko nangokugqibeleleyo ulwimi.

6. Kuya kulindeleka ukuba bonke abafundi abakhethiweyo babekho kuzo zonke iiseshoni ukususela ngoMvulo, we-13 Disemba 2021, kude kube ngoLwesithathu, we-15 Disemba 2021. Abafundi abayi kuxoleleka ngokungabikho nakweyiphi na kwezi seshoni nokuba kungenxa yemisebenzi enxulumene nesikolo okanye enxulumene nabo ziqu.

7. Amaxwebhu aqhotyoshelweyo aya kusebenza njengeefom zokutyunjwa kwamagama yaye mazizaliswe ngokugqibeleleyo. Izikolo zamkelekile ukuba zifake nengcaciso eyongezelelweyo eya kusetyenziselwa ukwandisa nokomeleza ukutyunjwa kwamagama.

8. Zonke iifom zamagama atyunjiweyo ezizalisiweyo mazithunyelwe nge-imeyili **kuMnu André Lamprecht** apha: andre.lamprecht2@westerncape.gov.za phambi okanye ngowe-**05 Novemba 2021**.

9. Kucelwa niqaphele le mihla ibalulekileyo:

- Umhla wokuvala wokutyunjwa kwamagama: 05 Novemba 2021
- Inkqubo yokhetho lokugqibela: 10 Novemba 2021
- Ukuqinisekiswa kweqela elikhethiweyo kwi-*Die Burger*: 13 Novemba 2021

10. Yonke imibuzo ebuzwa zizikolo ngokumalunga nenkomfa mayithunyelwe ngqo **kusihlalo wenkomfa, uMnu Barry Volschenk, apha kule nombolo yeselula: 082 376 4794.**

11. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

12. Iya kuthakazelelwa inkxaso yenu kule projekthi.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-09-23